



## Isigaba 2: IINKQUBO ZOKUSEBENZA

### Ingxowa mali evotelweyo

Isahlulo	Esona Sahlulo	Isahlulo esilungisiweyo	Isixa seMali esetyenzisiweyo	Over/(Under) Expenditure
	R122 682 000	R123 661 000	R120 622 483	(R3 038 516)
Umphathiswa onoxanduva	Umphathiswa weZolimo, uBume beNdalo nokuCeba uPhuhliso.			
Isebe eliLawulayo	Isebe lezoBume beNdawo nokuCeba uPhuhliso.			
Umcwangcisi-mali	Intloko yeSebe lezoBume beNdawo nezokuCeba uPhuhliso.			

Ukonga okwanzeliswa kwe R3 million kwabhengezwa njengesahlulo sika 2004/05 sokuncedisa ukwenza uhlehlengiso ukusukela kumhla we 1 April 2004. Olu nyanzelo lokonga lulandela iscelo esasivela kuVimba weMali wePhondo esthi makutyunjwe kwenziwe amalinge oqoqosho ngonyaka 2003/04 ukuncedisa ekuhambeni kwiminyaka ezakunika ubunzima kuHlahlo biwo mali lwePhondo.

### Injongo yokuvotelweyo

Injongo yesebe lemicimbi yobume bendawo kunye nokuCeba uPhuhliso kukunyusa ukuphila kwabantu, ukusebenza kakuhle kwezoqoqosho kunye nemfezeko yobume bendawo ukuya kuphuhliso oluzinzileyo lweNtshona-Koloni.

## Isishwankathelo seenkqubo

Imisebenzi yesebe iququzelelwe ngezi nkqubo zintathu zilandelayo:

INkqubo	INkqutyana
1. ULawulo	1.1 I-Ofisi yomPhathiswa wePhondo wezeMicimbi yoBume beNdawo kunye nokucetywa kophuhliso. 1.2 IMpatho. 1.3 ULawulo loVimba waBantu aBaqeshwayo kunye noPhuhliso. 1.4 IiNkonzo zokuXhasa Jikelele. 1.5 ULawulo lwezeMali. 1.6 IGunya leCandelo leMfundo kunye noQeqesho (SETA).
2. IMicimbi yobume bendawo	2.1 ULawulo. 2.2 ULawulo loBume beNdawo. 2.3 ULawulo oluManyeneyo loNgcoliseko kunye neNkunkuma. 2.4 UMntu oGunyazisiweyo woBume beNdawo. 2.5 IBhodi yoLondolozo lweNdalo yaseNtshona Koloni. 2.6 IiNtlobo ngeentlobo zoBomi.



3. UkuCeba uphuhliso	3.1 ULawulo
	3.2 UkuCeba kwiNgingqi
	3.3 ULawulo loLwazi
	3.4 ULawulo loPhuhliso loMhlaba

**IsiShwankathelo sokuNikezwa kweeNkonzo zoBume beNdawo sonyaka 2003/04**

**ICebo lokuKhula noPhuhliso:**

Ukuya ekupheleni komnyaka ka 2003 intlanganiso yokuKhula noPhuhliso kwiPhondo yabanjwa nguRhulumente waseNtshona Koloni ngenjongo yokovelisa uXwebhu loLawulo lwePolisi neCebo eya kwazisa uRhulumente waseNtshona Koloni, amaSebe ePhondo, amashishini, uluntu ngokubanzi kunye nezabasebenzi malunga nekamva lophuhliso lwePhondo. Ngoko ke, kwachongwa amanqaku a-8 abalulekileyo kwiPhondo aze avunyelwa nayiKhabhinethi. UPhuhliso lwe-Spatial Development Framework (SDF) lwaba lelinye lalo manqaku. ISebe leMicimbi yoBume beNdawo kunye nokuCeba uPhuhliso lwanikwa umsebenzi wokwenza oku yaye kwathathwa namanyathelo ayimfuneko ukuqinisekisa ukuba lo msebenzi ufumana ingqalelo efunekayo, yaye kwenziwa inkqubela-phambili entle. I-Spatial Development Framework siya kuqinisekisa ukuba yindlela ekuvelelwa ngayo uPhuhliso lwezoQoqosho nezeNtlalo iManyene yaye iyasebenza ukuze utyalo lwamaziko akhoyo nguRhulumente kunye neNkcitho yoPhuhliso ineziphumo ezingcono kunezo zifunyanwayo ngoku nje. “I-Spatial Development Framework siya kuseka uBume

obuManyeneyo beSithuba, intlalo, ezoqoqosho kunye nobume bendawo kusenzelwa ikamva lePhondo.”

**Ukwandisa umthetho wokulawula umhlaba :**

Ngokwaloku nje ukusetyenziswa komhlaba notshintsho kusetyenziso lomhlaba zilawulwa ziimbumba ezahlukeneyo zemithetho yendawo neyokuceba uphuhliso. Nangani eminye yale mithetho yeyamandulo imeko enj iyatyhafisa kuba eminye yale mithetho luxanduva kaRhulumente weSizwe eminye iphantsi lolawulo loRhulumente woPhondo. Le nto idala ukungangqinelani kweenkqubo, kwakhona yenze ingakumbi kwintsebenziswano nowonke wonke ukubhidwa okukhulu kuluntu. Isebenza kakuhle yona ukukhawulezisa imisebenzi. Ukusetyenziswa koMthetho wase Ntshona Koloni wokuCeba noPhuhliso ubungazisombulula ezinye zezi ngxaki, kodwa kubalulekile ukuba kuyilwe umthetho odibanisa ukuCeba neNdawo msinya ukufezekisa iimfuno zoPhondo.

**Ukungagqibeleleki kolwazi kuPhuhliso lweNdawo:**

Nangona iSebe lizame kangako ukuxhobisa oomasipala nabacebisi kumba weendawo nokuceba, kusekho ingxaki ekusebenziseni olo lwazi kuba kuyacaca olu lwazi lunqongophele kwabanye oomasipala kunqabe nabacebisi abo. Ngenxa yengxaki kwinkqubo eseqiqalile ukwenziwa nokungahambi ngokomthetho, eminye imisebenzi ayikwazanga ukwenziwa ngoko nangoko. Lo ngomnye wemiba efuna ukuqwalasela ukuqinisekisa ukuba imisebenzi iyahlolwa kwaye yenzeka ngokuchubekileyo.



#### **IPhepha leSaziso eliLungisiweyo lokuCeba noPhuhliso eNtshona Koloni:**

Umthetho wokuCeba noPhuhliso eNtshonaKoloni ka 1999 (Umthetho 7 ka 1999) wabhengezwa ngo April 1999. Ukusabela kwigalelo loomasipala, nokuyondelelanisa umthetho nemithetho emitsha efana kuRhulumente weNdawo: uMthetho weeNkqubo zikaMasipala 2000 (Umthetho 32 ka 2000), iPhepha leSaziso eliLungisiweyo lokuCeba noPhuhliso eNtshona Koloni layilwa. IPhepha leSaziso langeniswa kwiKomiti eMisiweyo yoRhulumente weNdawo nakwiSebe loBume beNdawo nokuCeba uPhuhliso ngo Novemba 2003. Okwa ngoku iKomiti eMisiweyo ayikenzi ziphakamiso malunga nalo mthetho. Ukubhengezwa kwePhepha leSaziso ngekwanceda iSebe ukuba liwusebenzise lo mthetho, ngekwanceda ekwenzeni izicamango zokuceba nendawo zibe nxamnye noMgaqo Siseko ka 1996.



Ukwanda kwama Tyotyombe aseKnysna.

#### **IsiShwankathelo soLungiselele lweNdawo ngo2003/04**

Omnye wemingeni emikhulu ejongene neSebe kukudibanisa okuyimpumelelo kweepolisi nezigqibo zoBume beNdawo neCeba loPhuhliso. Oku kwanyanzelisa ukuhlengahlengisa umsebenzi namahlelo kwiSebe liphelaUkukhawulelana noku kuyilwe uhlelo oludibeneyo olutsha lokusebenza imisebenzi yayilwa okutsha nendlela emayenziwe ngayo. Le ndlela intsha yokusebenza kulendawo intsha yayilwa yaqala yasetyenziswa ngokwezigaba ukususela kumhla woku1 April 2004.

#### **Inkqubo yesiShwankathelo noPhuhliso olusemqoka kwiPolisi kunyaka mali 2003/04**

#### **IsiSombululo 7 sika 2002**

Esi Sisombululo se Kansile eXoxa iHlanganyela iMicimbi yeNkonzo kaWonke wonke (PSCBC) sabalula ukuhlenga hlengisa kumasebe nokubonelela wonke ubani ongaphezu kwenani elimisiweyo.

Ngokwezindululo zeSisombululo, iSebe kwanyanzeleka liyile iQela leSebe leNyewe emalidibane ubuncinane kanye ngenyanga, lijonge phakathi kwezinye izinto indlela emayilandelwe ukuqesha kwizithuba ezavelayo. Amacebiso aphakanyiswa liQela eli anyanzeleke agqithe avunywe liQela leNyewe nelibanzi elenziwa ngamasebe onke. Ezi nkqubo zakubambezelela ukuqeshwa kwizithuba ezikhoyo kwiSebe, oku kwenza umsebenzi owongezelelekileyo, owenziwa kungongezwanga bani. Kwakhona ukubambezeleka kokuqesha kwezi zithuba, kwenza ukushiyekela emsebenzini weSebe. Nangona iSisombululo saphelwa lixesha ngomhla ka 12 Septemba 2003, amasebe asanyanzeleke anike ingqesho kuqala kubantu abangenazithuba apha ngaphakati qho kuvuleka



isithuba, oku kube nokukubambezela ukuqesha kwizithuba ezazisiweyo.

ISebe likwazile ukubeka kuphela abantu balo, abangafumaniyo, kwizithuba ezazikho, baba linani elingaphezulu.

### **UMthetho weNkqubo yokuLungisa uMthetho wokuLawula iNkqubo eLungisa uBume beNdawo eSizweni.**

Oku kuqulethe ukuphuhlisa uninzi lwezazisi ezintsha (ukutsho oko ukulawula okusemoyeni ngempucuko, ulawulo lwendawo enonxweme, ukunxaxha kwendalo neendawo ezikhuselweyo) kwanezilungiso kwizahluko ezithile kuMthetho wokuLawula ezoBume beNdawo eSizweni, nokusasaza imimiselo emitsha evavanyo iimpembelelo kubume beendawo. Impembelelo zezi zilungiso emthethweni azikaziwa ngoku, kuba zonke ezi zaziso zigqitha kwinkqubo yokwazisa uwonke wonke nekomiti yezikhundla phambi kokuba zipasiswe. Okusemqoka kuninzi lwezizazisi kuqulathe ukungenisa iinkqubo ezinoqoqosho, imilinganiso nezithehthe ezilandelwa jikelele, imiqathango nolawulo neenkqubo zommandla (umzekelo umoya ophucukileyo, iinkqubo eziqinisekileyo, indawo enonxweme, neendawo ezikhuselekileyo). Ezi nkqubo, izithethe, amabakala, indlela nenkqubo yolawulo zizalathisi zendima yepolisi ekufuneka umthetho wephondo uzithobe. Ezi zaziso zingaphuma kwimisebenzi emitsha enikezelwa iphathiswe iSebe.

### **Saziso sokuGcina nokuSebenzisa ooViimba bezoLimo**

ISaziso, sokuGcina nokuSebenzisa ooViimba bezoLimo seSebe lezoLimo, sinokuqulatha izinto eziphathelele kwimisebenzi nezinyanzelo zobume bendawo. Kude kube ngoku akukho lwazi lutsha luye lwavela malunga neSaziso esi.

### **UkuKhangela okuNyanzelisayo nokuNyanzelisa umMthetho**

Okukhulu okusingisela ekonakaliseni indawo, amabakala okungahambelani nokwaphula umthetho wokukhathala nezicelo zokuhlaziywa kwesigwebo, ezenziwa kuburhulumente (umz. oomasipala) abantu/oosomashishini, inyanzelise ukwenza ngqongqo imiqathango yeNkqubo yoBume beNdawo. Oku kukhokelele ekucebiseni kokuba kuhlenga hlengiso olutsha leSebe, kusekwe icandelo elilodwa eliphantsi koMongameli elijonge ukubeka iso okunyanzelisayo nokunyanzelisa umthetho, ukuncedisana nabasebenzi beSebe.

### **Saziso sokuLawula ukuSetyenziswa koMhlaba**

ISaziso esiLungisiweyo sangeniswa kwiKomiti Emisiweyo ngo Novemba 2002. Esi Saziso asikaxoxwa sivunywe sibeseMthethweni.

### **Umthetho wemiMandla eKhuselweyo**

Ngo Februari 2004, uMthetho wokuKhusela imiMandla (Nombolo 57 ka 2003) kuLawulo loBume beNdawo kwiSizwe wabhengezwa. Iinjongo zoMthetho zezi:

- ukulungiselela ukubhengeza nokulawula imimandla ekhuselweyo ;
- Ukulungiselela ukuphatha ngokumanyeneyo ubhengezo nolawulo lwemimandla ekhuselweyo;
- ukwenza inkqubo yemimandla ekhuselweyo eMzantsi Afrka ibe yeyesizwe kwiphulo lokulawula nokulondoloza ukwahlukana kwale mimandla ;
- ukulungiselela ingxam yale mimandla ekhuselweyo ifumaneke kumhlaba



- karhulumente, kumhlaba wabantu nakumhlaba wabamanyeneyo;
- Ukukhuthaza ukusebenzisa ngokugcinakeleyo imimandla ekhuselweyo ukwenzela ibe ngumvuzo kubantu ngohlobo eliyakugcina ubume bendawo bunjalo,
- ukukhuthaza inxaxheba yoluntu kwezo ndawo ekulawuleni kwemimandla ekhuselweyo xa kuyimfunekoto.

Okukhulu okubalulwa nguMthetho kwiSebe:

- UMphathiswa wePhondo unokubhengeza ummandla othile indalo elondolozweyo, ilindle okanye indawo ekhuselweyo ukuba indawo ibaluleke kangangokuba ingaziphumeza iinjongo zaloMthetho. Lo msebenzi ufanelwe wenziwe ngokwemimiselo yempatho emanyeneyo.
- Umphathiswa wePhondo unoxanduva lokunikeza ulawulo lweminye imimandla ekhuselweyo kumntu ofanelekileyo usenokufuna icebo lokulawula kwezi ndawo.
- UMphathiswa wePhondo unokubeka iliso kumsebenzi ngokuphathelele kulawulo lwendalo eyahlukeneyo kwiindawo ezikhuselweyo zophondo nezasekuhlaleni.
- Isebe alinakunika mvume yophuhliso, yokwakha, okanye ukulima iyakunikezwa liSebe kwindawo elondolozweyo (ngokuchazwa nguMthetho) okanye indawo enembali ehlabathini ngaphambi kwemvume ebhaliweyo evela kumagunya alawulayo afanelekileyo.
- UMphathiswa wePhondo angathi akhuphe imimiselo eyila/elawula uphuhliso okanye izenzo ezingafanelekanga kummandla okhuselweyo.
- UMphathiswa wePhondo angathi afumane umhlaba wabucala obandakanywa okanye ongabandakanywayo kummandla okhuselekweyo.
- UMphathiswa wePhondo angathi akhuphe imimiselo, eyayamene

nemimandla ekhuselweyo yephondo neyendawo, malunga nemiba ngemiba ephantsi komthetho.

### **IMbono yoPhuhliso lweSithuba seLizwe (iNSDP)**

I-NSDP ijonge ukubonelela ngobume obunokusetyenziselwa ukuba siSalathiso soPhuhliso sezoQoqosho esithubeni kwixesha elizayo (kwiSizwe, kwiPhondo okanye kwiNdawo). I-NSDP icebisa ukuba iindawo ezihlaselwe kakhulu kukuswela nemfuno, iindawo ezinokuba nabo oovimba kunye neendawo ezinayo nezinokuba nayo intshukumo yezoqoqosho kufanelwe zichongwe zalekwe ukuze kuphuhliswe ukumelwa kwesithuba ngamalungu ngamalungu ngokwenzekayo kwiphondo. Ngokusekelwa koku kwalekwa, kucetyiswa iindidi ezimbini zokulaml; ezibizwa ngokuba luTyalo kuBume kunye nokwenza iNgxowa-mali yoPhuhliso. Iinjongo, iinqobo neenkqubo eziqulathwe kwi-NSDP ziya kusetyenziswa ukukhokela uBume boPhuhliso beSithuba kwiPhondo.

### **UMthetho woBume boLwazi oluQokelelweyo lesiThuba, 2003 (UMthetho 54 wango- 2003) (owawusakuba nguMthetho oSaYilwayo woLwazi ngesiThuba)**

Lo Mthetho uchazwe ngasentla umisela uBume boLwazi oluQokelelweyo besiThuba eMzantsi Afrika, obuBume beSizwe, bobuGcisa, bamaZiko kunye neNkqubo yokuNcedisa ukufumana, ukuLawula, ukuGcina, ukuManya, ukuSasaza nokuSetyenziswa koLwazi lwesiThuba. Lo Mthetho usebenza kuwo onke amaSebe kaRhulumente agcine nasebenza ngolwazi lwesiThuba.

### **ImiSebenzi emiTsha: IMithetho yeziThuthi ezihamba kwiindlela ezingaphandle**


Ngomhla wama-21 Disemba 2001, uMphathiswa wezeMicimbi yoBume



beNdawo noKhenketho wapapasha iMimiselo ethintela, kuqukwa nezinye, ukusetyenziswa kwezithuthi kwiindawo ezingaselunxwemeni eMzantsi Afrika. Injongo yale Mimiselo kukubonelela iMithetho yeSizwe ngokujongwe kuBume beNdawo, ukhuseleko lwabantu kunye nolonwabo oluvela ekuzonwabiseni elunxwemeni. Le Mimiselo ibonelela ngesalelo jikelele sokusetyenziswa kwezithuthi elonwabeni kwiindawo ezingaselunxwemeni ngeemeko ezithile (umz. ngeenjongo zophando lwezenzululwazi), amanyathelo okunyanzela nokuchaza izohlwayo ezayamene noko xa kungalandelwa iMithetho. Le Mimiselo inika uRhulumente wePhondo igunya lokukhupha ilayisenisi okanye iphepha-mvume leendawo zokundululwa kwamaphenyane.

### **UMthetho osaYilwayo womKhomishina woBume beNdawo eNtshona Koloni**

Ukumiselwa komKhomishina woBume beNdawo kuyabonelelwa kuMgaqo-siseko weNtshona Koloni, wango-1998, yaye kwayilwa uMthetho obonelela ngokuMiselwa komKhomishina woBume beNdawo. Injongo yokumisela i-Ofisi yomKhomishina kukuba kube khona ubukho bomntu onamava negunya lokuvakalisa izikhalazo zabantu ePalamente okanye umntu osoloko ebeke iso kuBume beNdawo nojongene nezikhalazo malunga nokoniwa kwabantu namaqela angahoyanga umsebenzi wokukhathalela jikelele. Emva kweNkqubo ende yokuthatha iNxaxheba kukaWonke-wonke kunye nabantu abohlukileyo abanezabelo, iKhabhinethi yaseNtshona Koloni iwuvumele lo Mthetho ubuyilwa. Kodwa ke, ukuze i-Ofisi kamKhomishina imiselwe, kufuneka iSebe lifumane isigunyaziso kwiSebe lezeMali leSizwe. Isicelo sokumisela le ofisi safakwa ngoJulayi ka-2002 yaye izikhumbuzo ezininzi sele zithunyelwe kwiSebe lezeMali leSizwe ngeSebe lezeMali lePhondo. Ukuza kuthi ga ngoku, akukho sigqibo sifunyenweyo sivela kwiSebe lezeMali leSizwe.



Umphathi kuNgcoliseko nomLawuli weNkunkuma ufundisa abafundi ngePhulo loCoco eNtshona Koloni ezenza okulahlweyo kuphinde kusebenze kwa neprojeki zohlaza eNtshona Koloni.

### **UMthetho osaYilwayo woLawulo lweNkunkuma yezeMpilo yePhondo**

Ngokubonelela ngoBume boWiso-Mthetho eNtshona Koloni bokuLawula iNkunkuma yamaZiko ezeMpilo ngendlela ekhuselekileyo nefanelekileyo, ukubhalwa koMthetho osaYilwayo woLawulo lweNkunkuma yamaZiko ezeMpilo kwaqhubeka kwangena kuyilo lwesithandathu nolokugqibela. Lo Mthetho ubandakanya izibonelelo zokomeleza unyanzeliso, ingakumbi malunga nokulahlwa okungekho mthethweni kwenkunkuma yamaziko ezempilo. Lo mthetho ukwabonelela nangeSixokelelwano sokuSebenza ngeNkunkuma esizakunceda ngokuba liliso lokujoya inkunkuma evela kumashini wenkunkuma



yeZiko leMpilo ukuya kufika kwijelo lokugqibela elisebenza okanye elilahla le nkunkuma. Iphepha leSaziso lokuLawula iNkunkuma kumaZiko eMpilo lajongwa kwakhona ngokobuchule nangokomthetho, kwaye uzakungeniswa kwiKhabhinethi yoPhondo ize ivunywe ngokusesikweni nokuba ipapashwe uwonke wonke aphefumle. Uxwebhu oluchaza iPhepha leSaziso lokuLawula iNkunkuma kumaZiko eMpilo lwabhalwa kwaye luzakukhapha uxwebhu lwekhabhinethi. Iinjongo eziphambili zeliPhepha leSaziso zezi:

- Ukunqanda ukungcola okunokwenzeka okudibene nokwehla kwezinga lobume bendawo nokuyila iinkqubo eziya kuthintela ukulahlwa kwenkunkuma ngokungekho mthethweni kwenkunkuma evela kumaziko empilo;
- Ukukhuthaza isaci “cradle-to-grave” ekulawuleni inkunkuma evela kumaziko empilo, esigxininisa ukuncipha kwenkunkuma kuloko sikhuthaza ulawulo oludibeneyo lwenkunkuma;
- Ukukhusela abantu baseNtshona Koloni kukungakhuseleki kubungozi bempilo obunokwenziwa yinkunkuma yamaziko empilo;
- Ukuyilwa kwezithethe zophondo ezifanayo ekulawuleni inkunkuma yamaziko empilo kwiNtshona Koloni iphela.

Ukubhalwa kwemimiselo nendlela yokusebenza eza kuxhasa ukusebenza kweSaziso sokuLawula iNkunkuma yezeMpilo, xa ibhengeziwe, seyiqalisiwe kwaye kujongwe ukuba ingagqitywa ekuqaleni kuka 2005.

### **ISaziso sokuLondoloza Okuphilayo okugciniweyo eNtshona Koloni**

Inkulu inkqubela eyenziwe ekubhaleni uMthetho wokuLondoloza Okuphilayo kwiglobhu kwiPhondo. ISaziso sokuLondoloza Okuphilayo okugciniweyo sagqitywa saxoxwa ngaphakathi kunye nabo bachaphazelekayo. Yathunyelwa

kwiNkonzo yezoMthetho ukuba bahlomle, emva koko zenziwa izilungiso. ISaziso silungiselele ukuyilwa kweKomiti yePhondo yoMntu nokuPhilayo kwiglobhu, kwaye ukuyilwa kwento yophondo kawonkewonke imvume ifumaneka kuVimba weMali weSizwe. Ukufumaneka koku, iSaziso siyakuthunyelwa kwiKhabhinethi ukufumana imvume ngokomgaqo phambi kokuba inkqubo yokuhlomla kukawonkewonke iqalise.

### **Ipolisi yoLawulo lweeNdawo zoNxweme eNtshona Koloni**

Ipolisi yoLawulo lweeNdawo zoNxweme eNtshona Koloni yagqitywa yakwilungelo lokungeniswa kwiKhabhinethi ivunywe ekuqaleni kuka 2003. Kodwa ke kuthe kwakuyilwa iiKomiti zeMbumba, kwagqitywa ukuba umbhalo wePolisi mawungeniiswe kuqala kwiiKomiti zeMbumba phambi kokuba iye kwiKhabhinethi. Ngokwengcebiso zeeKomiti zeMbumba kwabakho iindawo



Abafundi batyelele iGIS open day eCentury City.



ezitshintshwayo kumbhalo wePolisi. Umbhalo wePolisi ngoku ukwilungelo lokungeniswa kwiKomiti yeKhabhinethi emva koko uye kwiKhabhinethi. Lo mbhalo wePolisi ubeka imigaqo nesiseko sokusebenzisa ngokugcinakeleyo nokuphuhlisa unxweme lwase Ntshona Koloni. Iqulathe iiseti zemephu ezalatha iindawo ezithile enxwemeni ezinokuphuhliswa neendawo ezinokuba ngcono zilondolozwa. Ithathiwe ingqalelo yokubaluleka kobume bendawo ngekwendalo yayo kwaye iqwalaselwe into yokuba kwenziwe unxweme luvuleleke kumntu wonke eNtshona Koloni.

#### **Iphepha lesaziso lokucebisa ukusetyenziswa komhlaba, Isaziso 15 se 1985**

Ekubeni kukho ukubambezeleka ekuvunyweni kwePhepha leSaziso lokuCeba noPhuhliso, Icandelo 14 kwi Phepha leSaziso 15 lika 1985 langeniswa kwiKhabhinethi kwenziwe isilungiso sokwandisa ixesha elililo lamalungelo okusebenzisa umhlaba liye komnye unyaka.

#### **Ingensiso yeSebe**

Isebe lifumena inxaso yeMali kwezi nkalo zilandelayo:

Ikomishini kwi inshorensi:

Abasebenzi babhatala umrhumo kwiSebe ngokuxhuzula izavenge zee inshorensi zabo libabhatala kii inshorensi ezo xa behlawula izavenge ze inshorensi ngokuxhuzulelwa emvuzweni wabo.

AmaPhepha mvume eendawo zokuqhuba amaphenyane:

NgokweCandelo lesi 7 nele 10 yeMimiselo ekhutshwe ngokoMthetho wokuLawula ezeNdawo eSizweni(NEMA) ka 1998 (uMthetho Nombolo. 107 oka 1998) amaphepha mvume eendawo zokuqhuba amaphenyane yi R5 000 ngeminyaka emithathu (3).

Umrhumo ngokufumana ulwazi:

UMthetho wokuKhuthaza ukuFumaneka koLwazi ka 2000 (uMthetho Nombolo 2 ka 2000) lenze ukuba iSebe lingabiza umrhumo ngolwazi olufunwayo ngokwaloMthetho.

	2002/03 Eyenziweyo R'000	2003/04 Ecetyiweyo R'000	2003/04 Eyenziweyo R'000	% ukwahluka kokucetyi weyo
<b>Imali efumanekyo</b>	<b>1 475</b>	<b>10</b>	<b>559</b>	<b>5 490</b>
Imali ye tax				
Imali engeyo ye tax	1 475	10	*559	5 490
<b>Imali engafumanekiyo</b>	<b>1 475</b>	<b>10</b>	<b>559</b>	<b>5 490</b>

\* Okqulethwe yile mali yimali engange R328 000 ebuyiselwe yihodi yoLondolozo lweNdalo eNtshona Kolonihlawu, ibonisa okushiyekileyo kwimali eyayisisahlulo sokuhlangahlengisa iBhodi engazange isetyenziswe kwakunye nemali engange R45 000 yamaphepha mvume okusetyenziswa kwamaphenyane kwiindawo ezithile. Ukunika amaphepha mvume eendawo zokusebenzisa amaphenyane yaqaliswa esizweni ngo Decemba 2003.



iFoto: Iboard yeZendalo yase Ntshona Koloni





### Intlawulo zeSebe

linkqubo	Okuvotelw eyo 2003/04	Okwenziwe yonokulung isi weyo	Virement	Itotal yokuvote lweyo	Okuchithi weyo	Umahlu Ko
Ulawulo	17 922	(1 429)		16 501	15 612	889
EzoBume beNdawo	85 311	2 400		87 711	85 953	1 758
UkuCeba uPhuhliso	19 449			19 449	19 057	392
<b>Epheleleyol</b>	<b>122 682</b>	<b>979</b>		<b>123 661</b>	<b>120 622</b>	<b>*3 039</b>

\* Ukulandela isicelo soVimba weMali wePhondo sokunyanzelisa uqoqosho kuze luhlangulwe ingcinezelo kuhlalo mali lwePhondo kulo nyaka sithetha ngawo, imali engangeR3,0 million yabhengezwa njengemali eqoqoshe ngesinyanzelo ukuba ngoko imali leyo iyakukhululelwa iSebe liyisebenzise kunyaka mali lowo.



Ubhiyozo lweWorld Aids Day, abasebenzi beSebe bacitha a mini nabantwana baseNobanda Day Care Centre eKhayelitsha.

## 2.1 INKQUBO 1: ULAWULO

**Injongo:** Ukwenza ulawulo jikelele lweSebe nokunika inkonzo exhasayo emanyeneyo.

### INKQUTYANA 2.1.1: Iofisi yoMphathiswa woPhondo kwezoBume beNdawo nokuCeba uPhuhliso

**Injongo:** Ukukhuthaza impatho yenkqubela, echubekileyo, enoqoqosho nenobulungisa.

#### Izalathisi neenjongo zokunika inkonzo

Umphathiswa obambeleyo wezobume beNdawo noCeba uPhuhliso wayenguMphathi Sigqeba weSebe ukusukela nge 4 Novemba 2002 ukya kwi 24 Juni 2003. Umphathiswa wezoLimo, uBume beNdawo nokuCeba uPhuhliso wonyulwe nge 25 June 2003. Ngenxa yokutshintshwa kwezikhundla okuninzi kohlalo mali kobuPhathiswa koBume beNdawo nokuCeba uPhuhliso kuthunyelwe kubuPhathiswa bezoKhenketho nezokuNgcakaza. Abasebenzi bobubuPhathiswa bathunyelwe kubuPhathiswa bezolimo, uBume beNdawo nokuCeba uPhuhliso. Ngenxa yobuninzi bembalelwano eya kuMphathiswa, iNkulumbuso yavumela ukuyilwa kwezithuba ezibini.

Kwabanjwa iintlanganiso rhoqo phakathi kweSigqeba soLawulo noMphathiswa ukuhlanganisa nxamnye iindlela-nkqubo zeSebe neendlela-nkqubo zoPhondo nezeSizwe, nokuqinisekisa ukuba iSebe linobuchule bokukwazi ukumelana nomngeni ojongene nalo. Uhlengahlengiso lokulungelelanisa abasebenzikhwaba ngowona mphumela mkhulu wezingxoxo.



### **INKQUTYANA 2.1.2: Ukuphatha**

**Injongo:** Ukuphatha ngokuphelelyo iSebe nokunika inkonzo yonxubelelwano ngaphakathi nangaphandle.

#### **Izalathisi neenjongo zokunikezwa kweenkonzo**

ISigqeba esiPhetheyo seSebe, sixhasa sikhuthaze imisebenzi yayo esemqoka ngezenzo zonxubelelwano lolungisiweyo oluphuculweyo.

Isigqeba esiPhetheyo lwathetha thethana ngokubanzi namanye amacandelo oburhulumente namanye amqela anomdla nachaphazelekayo ukukhuthaza ukuphatha okumanyeneyo nangeminyeimiba yeSebe nekaRhulumente jikelele.

Ngonyaka 2003/04 isigqeba esiphetheyo saqwalasela ngokubanzi oku kulandelayo :

- Ukuhlengahlengisa nokuxhobisa iSebe;
- Inguqu ekhawulezileyo ukusuka kwiSixokelelwano soLawulo lweziMali(FMAS) ukuya kwiSixokelelwano soGcino- mali esisiSiseko(BAS);
- Ukusebenzisa i BAS nentsha iTshathi eseMgagathweni yaMatyala (SCOA);
- Ukqinisekisa/nokukhomba inkqubo yendlela yeSebe ibe nxamnye naleyo yeKapa Elihlumayo
- Ukuqhuba inkonzo yoncedo yembumba kwiSebe leMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo, iKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni nakwiKomiti yezeLwimi eNtshona Koloni;
- Ukuphatha ukunikezwa kweenkonzo uthelekisa nohlahlo mali lweSebe kwakhona udibanisa nokucetyiweyo malunga nokunikezwa iinkonzo ; kwakhona
- Ukwenzela abasebenzi bonkeindawo engcono yokusebenzela.

Icandelo loNxubelelwano yazifaka kwiiprojekti eziliqela, ezenza ulwazi ngokubanzi, ikhuthaza kanjalo ukwenziwa kwemisebenzi ephathelele kwiSebe. Ngexesha kujongwe ethe ngqo kwiCandelo loNxubelelwano zininzi izinto yinto ezenzwe ukwakha ubuhlobo phakathi kweSebe nabantu ngokubanzi.

Ziyi 24 izazisi ezakhutshwa kumaphepha ndaba osuku, awoluntu nawokuhlala, ndaweninye ziyi 25 iintengiso ezithetha ngeeprojekti zobuMongameli beSebe ezakhutshwa kumaziko eendaba athile. Imibuzo rhoqo ivela ebantwini nakumaziko aliqela iphendulwe, nolwazi olwafunwayo lwanikezelwa. Zonke iiseshoni zokuceba uMbhiyozo weKapa eliFundayo yenziwa emva komsebenzi nangona iSebe lelinye lamasebe ambalwa asebenzisa le logo kwimpahla zentengiso. Inxaso yengqiqo neyosasazo inikiwe ngosuku lomboniso lweZixokelelwano zolwazi kwiNdawo yeNzululwazi noBuchule eCentury City.

Ubukho babanye bethu kwi Klein Karoo Nasionale Kunstefees kwanceda ukuveza umboniso owawukhuthaza ukwazi ngeSebe ngokusebenzisa izixhobo ezazithengisa iSebe. Uncedo lokulungiselela, ukusasaza kumaziko endaba nobukho banikwa ngeMini yoBume beNdawo kuZwelonke ngo2003 apho okwakusemqoka yayiyimbasa yeyona Dolophu lcocekileyo.

Amalungu abasebenzi, axhasa ngezimali iiprojekti ezifana ne Casual Day, ne Red Cross Children Hospital's Christmas Hat, neMini yeSifo seMiphunga, oku kubonisa indlela iSebe elifaka ngayo isandla kuxanduva lokuhlala. Isebe kwakhona lwazibonakalisa kumalinge eHIV/Aids, umzekelo kumbhiyozo owenelwa abantwana abayi 60 abaphila neSifo uGawulayo elizo Nobanda Daycare Centre eKhayelitsha.



Iqela Lonxubelolwano.

Ukusekwa nokwaziswa ngokusemthethweni kwewebsite yoPhondo iPortal, yenza ukuba iCandelo loNxubelelwano libe yinxalenye yePortal Task Team eyaququzelela ukusekwa ngokusemthethweni kwakhona banoxanduva luginca iwebsite yeSebe ikwimo yanamhlanje.

Ithala lobume beNdawo iDriftsands yahlanganisana neSebe, iBhodi yokuLondoloza iNdalo eKoloni no Umsobomvu, eyenza kwasekwa ngokusesikweni iprojekti le nge 2 March 2004. Enye intlanganisela nabanye umzekelo iSixeko seKapa kuMbhiyozo woMhlaba liKapa, iCandelo lazifumanisa

linoxanduva lokuncedisa ngokucinga, ngokusasaza, liphendula imibuzo, linikisa nangolwazi kwi website.

Icandelo lenza inkonzoyokwenzela kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (CAS), nkonzo leyo eyaphela ngo Novemba 2003. Iingxelo zonyaka zeSebe ne CAS zenziwa zahlalutywa zaguqulelwa kwezinye iilwimi zahlolwa zingasazwa ngo2003 zabekwa etafileni nge 30 August 2003. Kwakhona ukudibanisa kwahlalutywa kwaguqulelwa kwezinye iilwimi kwahlolwa kwasasazwa amacebo achuliweyo eSebe nelinye leCAS kwenziwa ngalo nyaka inxaso yokucinga yanikwa nakuBaphathiswa.

Ukuzibandakanya kweSebe kwi "10 Years of Democracy Celebration" nakwiKapa Elihlumayo, yabonakala ngakumbi kwimiboniso yentengiso, nakumaphepha eSebe.

Ukufeza ukuthengisa unxubelelwano lweSebe, iCandelo laqinisekisa ukuba imisebenzi yemihla ngemihla yeSebe iyafikelela kubantu abafanele ukwazi nakuluntu ngokubanzi.



**INKQUTYANA 2.1.3: UkuPhatha nokuPhuhlisa aBantu wezoLuntu Incubeko**

**Injongo:** Ukwenza inkonzo engxabalazileyo yokuPhatha nokuPhuhlisa aBantu kwiSebe nakuBuphathiswa.

**linjongo nezalathi zokunikezwa kwenkonzo**

Le nkqutyana yajonga ekunikeni inkonzo yokuphatha abantu echubekileyo nesebenzayo kubantu bonke, iquke kwanenkono yokusebenzela eyinika iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo.

KwimiNyaka eliShumi yeDemokhrasi uLuntu luyaGcoba



**Okufezekiswe ziinkonzo:**

Injongo enokumetwa	Iziphumo	Ukumeta izenzo zeziphumo/izalathi si zokunikwa kwenkonzo	Okwenziweyo kuthalekiswa nokucetyiweyo	
			Okucetyiweyo	Okwenziweyo
Ukunikeza inkonzo echubekileyo nesebenzayo.	Imvumelwano yezithethe kwinkonzo neplani yokuphucula unikezo lwenkonzo.	Ingxelo rhoqo(ngenyanga) evela kubaxhasi kwintlanganiso zesebe.	Ukuphendula imibuzo/izikhalazo kunikwe inngxelo kubaxhasi kwintlanganiso elandelayo.	Imibuzo/izikhalazo ziphendulwe phambi kwintlanganiso elandelayo nengxelo ebhaliweyo inikiwe kwintlanganiso elandelayo.
		Ukunika inkonzo yokwenzela kwiSebe leMicimbi neNkcubeko nezeMidlalo.	Kude iSebe libe lixhotyisiwe ngokwaneleyo.	Inkonzo kokuphatha abantu egcinakeleyo inikiwe yade inkonzo yokwenzela iphelisiwe nge 30 November 2003.
		Ukugqityezelwa kwePolisi yeBhasarhi ukuze kulawuleke ukunikwa kweebhasarhi ukusukela nge1 Januari 2004.	Ipolisi yeBhasarhi evunyiweyo nge 1 Januari 2004.	libhsasarhi ezintsha zinikezwe ukususela nge 1 January 2004 ngokwepolisi yebhasarhi.
		Ukuphononongwa komsebenzi wethuba zonke kokwamacandelo.	Izithuba ziphononongwe phambi kwe 1 April 2004.	Uninzi lwezithuba zaphononongwa phambi kwe 1 April 2004.



Okufezekiswe ziinkonzo ezinikiweyo:

Injongo enokumetwa	Iziphumo	Ukumeta izenzo zeziphumo/izalathi si zokunikwa kwenkonzo	Okwenziweyo kuthelakiswa nokucetyiweyo	
			Okucetyiweyo	Okwenziweyo
		Ukwenziwa kweqonga labaphathi nabasebenzi baxoxe imiba engxabalazileyo.	Ukuyilwa kweQumrhu Elidibanisa amaSebe kukuPhatha nakwezeNgqesho (IMLC).	IMLC yasekwa ngo August 2003.
		Ukwenziwa kwePolisi zeSebe umz. Amaxesha empangelo, Izikhalazo, iiBhasarhi.	Ukusekwa emva kokuva kwabachaphazelekayo.	Ezi polisi zasetyenziswa ngo 2003/04.



Abasebenzi beSebe bonwabela uSuku lwamaLungelo oLuntu.

**INKQUTYANA 2.1.4: Iinkonzo zokuXhasa Jikelele**

**Injongo:** Ukunika iSebe nobuPhathiswa inxaso ekucingeni malunga neemeko ezingxabalazileyo ezingezizo ezokuPhatha nokuPhuhlisa aBantu kunye nokuLawula ezeMali.

**Iinjongo nezalathisi zokunika inkonzo**

Le nkqutyana yajonga ukunika inxaso yenkonzo ephuculweyo nesebenzayo kubaxhasi bonke, nkonzo leyo equka ukunika inkonzo yokwenzela kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo.



Okufezekiswe ziinkonzo ezinikiweyo:

Injongo enokumetwa	Iziphumo	Ukumeta izenzo zeziphumo/ izalathi si zokunikwa kwenkonzo	Okwenziweyo kuthelakiswa nokucetyiweyo	
			Okucetyiweyo	Okwenziweyo
Ukunika inkonzo echubekileyo nesebenzayo.	Imvumelwano kwizithethe zenkonzo neplani yokuphucula ukunikeza inkonzo.	Ingxelo rhoqo(ngenyanga) evela kubaxhasi kwiintlanganiso zeSebe.	Ukuphendula imibuzo/izikhalazo kunikwe nengxelo kubaxhasi kwintlanganiso elandelayo yenyanga.	Imibuzo/izikhalazo ziphendulwe nengxelo ebhaliweyo yanikwa kwintlanganiso elandelayo yenyanga.
		Ukunika inkonzo yokwenzela kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.	Lide iSebe libe lixhotyiswe ngokwaneleyo.	Inxaso yenkonzo egcinakeleyo yanikwa de inkonzo yokwenzela yapheliswa nge 30 Novemba 2003.
		Ukuqinisekisa ukuba iifayile zomsebenzi zingalandeleka lula zibe nokuchazwa.	Ukusebenzisa indlala yokulandela ifayile ngabayisebenzisayo bonke kwiSebe.	Inkqubo yokulandela ifayile yaqaliswa yasetyenziswa.
		Ukusetyenziswa keepolisi zeSebe umz. Izithuthi, Oonomyayi, neeFowuni, Ukusetyenziswa kwe Internet/Intranet, Isikhombisi sokuSebenzisa iNkqubo yeeFayile.	Ukuyilwa emva kokuthethana nabayisebenzisayo.	Ezi polisi zasetyenziswa.



### **INKQUTYANA 2.1.5: ULawulo lweMali**

**Injongo:** Ukuqinisekisa ukuhamba ngokoMthetho wokuLawula iMali kaWonke wonke, izikhokelo nemiyalelo ngezizimali nokukhuthaza indlela echubekileyo esebenzayo nenoqoqosho ekusebenziseni oovimba, ukuthenga nokunika ulawulo.

#### **Iinjongo nezalathisi zokunika inkonzo**

Lenkqutyana yajonga ekunikeni inkonzo yokulawula imali echubekileyo nesebenzayo kwiSebe nakuBuphathiswa.

Icandelo laqhubeka ukunika inkonzo yokwenzela kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo kwakhona kwiKomishini yezeNkcubeko eNtshona Koloni nakwi Komiti yeLwimi eNtshona Koloni inkonzo yokulawula imali. Isiqingatha esingamashumi amahlanu ekhulwini absebenzi bakhetha ukba phants kweSeb leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo. Kowa ke ukuphela kwenkonzo yokwenzela ngo Novemba 2003 zabambini kuphela izithuba ezivelayo kuBumongameli bokuLawula iMali kwiSebe loBume beNdawo nokuCeba uPhuhliso.

Isixokelelwano soMcwangisi mali, nabathunywa bokunika ikhonkco lolawulo zagqitywa zasetyenziswa nge 1 Januari 2004 kutshatyalaliswa kanjalo iBhodi yokuThendarhisha yoPhondo nge 31 Decemba 2003.

Isixokelelwano iskwikomputa esilawula okukokwethu sasetyenziswa liSebe ngo Februari 2004 kwaye konke okukokwethu kwafakwa iibhakhowudi.

Iplani yokusetyenziswa kweSixokelelwano sesiCwangcisi mali esSiseko (BAS)

nokusetyenziswa kweTshathi entsha yeSithethe saMatyala (SCOA) nge 1 April 2004 zagqitywa. Ukuqeqeshwa kwabasebenzi nkcasana abasebenza ngemali, ukusebenzisa I BAS yenziwa nguVimba weziMali.

Uqikelelo loLungiso luka 2003/04 lwagqitywa lwabekwa phambi koLawulo nge 27 November 2003. Uhlahlo mali lweSicwangciso lwePlani nesiCwangciso seNkcitho seMinyakana engephi (MTEF) ka 2004/05 - 2006/07 lwagqitywa lwabekwa phambi koLawulo nge 2 March 2004.

Isebe kwakunye neSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo, iKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni neKomiti yezeLwimi eNtshona Koloni zafumana iingxelo zophononongo ezingenagxeke ngonyaka mali ka 2002/03 .



IQhela Lezomnotho iEA & DP.



Okufezekiswe ziinkonzo ezinikiweyo:

Injongo enokumetwa	Iziphumo	Ukumeta izenzo zeziphumo/izalathi si zokunikwa kwenkonzo	Okwenziweyo kuthalekiswa nokucetyiweyo	
			Okucetyiweyo	Okwenziweyo
Ukunika ulawulo lwemali nenkonzo yokuthenga echubekileyo nesebenzayo.	Nika ulawulo lwemali nenkonzo yokuthenga echubekileyo nesebenzayo.	Isixokelelwano scwangcisi mali sokulawulu unikezo olulikhonkco lwenziwa nabameli bakhutshwa.	1 Januari 2004.	Isixokelelwano soMcowangcisi mali savunywa sasebenza nge 1 January 2004.
		Ukusebenza kwesixokelelwano sekoputha sokulawula izinto zethu.	Februari 2004.	Isixokelelwano sokulawula izinto zethu sasebenza ngo Februari 2004.
		Ukwenza inkonzo yokwenzela kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo.	Lide libe iSebe lixhotyisiwe nangemvumelwano phakathi kwabaCwangcisi mali bobabini.	Ulawulo mali olugcinakeleyo lwanikezwa kumasebe omabini de inkonzo yokwenzela yapheliswa nge 30 Novemba 2003.
		Ukunika ingxelo ngenkqubela yokusebenza koMthetho wokuLawulu iMali kaWonke wonke (PFMA).	Ngekota.	Okufeziweyo kwangcono kunezithethe ezibekiweyo.
		UkuPhathwa nokuqeqeshwa kondogo womqeshwa Wesiseko Gciso zincwadi zemali (BAS), itshati ekumgangatho omtsha yeakhawunti kunye neNdlela yoLawulo loValo mali (FMS).	Amalungiselelo enziwe ukususela kuNovemba 2003 ukulungiselela utshintsho ukusesela kumhla wokuqala ka April 2004.	Icala lezimali elilungiselwe ukuphunyezwa kweBAS ukuseka nomhla ka1 April 2004.
		Ukugqityezelwa kwengxelo zemali, kumasebe omabini karhulumente kunye nezinto ezikhoyo zoluntu kunyaka ka2002/03.	Ingxelo zezimali kufuneka zibe zigqityiwe ngomhla we 31 ka Meyi kunyaka ka 2003.	Ingxelo zabaphicothi ncwadi ezingeka phunyezwa kumasebe omabini kunye nezinto ezikhoyo zoluntu.
		Ukugqityezelwa kwezilungiso Ukuthekelelwa kweka 2003 no 2004.	Vumelana nemfuno zikaNongxowa wamaphond-o.	Inguquko ezezenziweyo kwisicwangciso semali, zabekwa ethethweni ngomhle we 27 November 2003.
		Ukugqityezelwa koBume beNkcithomali (MTEF) ecwangcisiwe ngobuchule (2004/05 - 2006/07).	Isivumelwano nemfuno zikanoNgxowa wamaPhondo.	Isicwangciso mali MTEF kunye necebo elibaliweyo labekwa kumthetho ngomhla wesibini kwinyanga ka Matshi ngomnyaka 2004.





### ISICWANGCISO NKQUBO 2.1.6: Icandelo loMthetho woQeqesho kwezeMfundo (SETA)

**Injongo:** Ukunyusa umgangatho woqeqesho lwabasebenzi.

Isixa semali esingange R30 000 sifakiwe njengemali ebhatatelweyo yokuguqulela uSETA kwimali ebibekelwe oko. Kodwa kunjalo Icandelo leNkoko zoLuntu loMthetho woQeqesho kwezeMfundo (PSETA) lulikhulule iSebe ekufakeni isandla kwindleko zayo. Esi sixa semali siye safakwa kuLungelelaniso lweNtelekelelo sayakwintlawulo zemali yebhasari.

#### Intlawulo yokuguqulela

Akukhange kubekho ntlawulo zokuguqulela ezenziweyo malunga nelicebo lenkqubo kunyakamali ka - 2003/2004.



Ulungiso lwezakhiwo luyaqhubeka ukuze kulungiswe izakhiwo ngokutsha.

### Imali yesiBonelelo ngokwesiVumelwano

Akukho mali yesibonelelo ngokwesivumelwano ibhatelweyo phantsi kwa lenkqubo

### Imali eyiNkunzi egciniweyo, iCebo lokuLawulwa kwezinto neziBonelelo.

#### ULawulo lweZinto.

Ngenxa yenkqubo yokohlula amasebe ezizinto zilandelayo ziyezathunyelwa kwamanye amasebe, ngokwecandelo 42 lo Mthetho ka 1999, wokuPhathwa kweMali zoLuntu ku nyaka woqwalaselo:

- Ukuya KwiSebe leNkcubeko nezemiDlalo (abaPhathi, imiCimbi yeNkcubeko nemiDlalo)
- Ukusuka kwiSebe leZindlu (iCebo loPhuhliso)
- Ukuya kwiSebe loPhuhliso noQoqosho kunye noKhenketho (iSebe lezoNgcakazo noKhenketho).

ISebe liphumeze Indlela yokuLawulwa kweZinto, ngexesha lenyanga ka February 2004. Lendlela yokuLawulwa kweZinto iphunyeziwe ukuqinisekisa kokuphathwa ngokuthembekileyo nangokukhuthalza ukulawula izinto.

Kulonyaka mali eliSebe lithenge omatshini bemkhompyutha abatsha ukuze bathathe indawo yababadala abaphelelwe lixesha. Ngaphezu kwe 80% yempahla ekhoyo yeSebe zikwimo encomekayo.

IOfisi yoPhathiswa wemiCimbi yezeNdalo noPhuhliso iye yavalwa ikhatshwa lutshitsho kwizikhundla yaye inxalenye yezinto zitshintshiselwe kumPhathiswa wezoKhenketho nokuNgcakaza.



Ukuqokunjelwa kokuhlaziywa kwizakhiwo esizakusetyenziswa, olwenziwe liSebe lezoThutho nemiSebenzi yoLuntu, luzakugqithiselwa kunyakamali omtsha. ISebe lezoThutho nemiSebenzi yoLuntu izakuncedisa eli Sebe ngendawo yokuhlala, yezithuba zomsebenzi ezenziwe kokuhlengahlengiswa kwamaSebe.

Ngomhla wokuqala kwinyanga January ka 2004 amaGosa eNcwadi zemali nabathunywa, kubalawuli abaphambili, yazalisekiswa kukupheliswa kwe Sebe leBhodi yeThenda, equka inkqubo yobizo maxabiso kuzozonke izicelo.

### **Ulungiso**

Ukugcinwa kwezakhiwo zamaSebe kwenziwa lisebe leZothutho nemiSebenzi yoLuntu.

## **2.2 INKQUBO 2 : IMICIMBI YENDAWO**

**Injongo:** Ukunyusa umgangatho kuphuhliso olungagungqiyo, ukulawulwa kochaphazeleko lwendalo, ungcoliseko nolawulo lwenkunkuma kunye nokukhuselwa kwe ntlobo-ntlobo zendalo.

### **UDweliso Nkqubo 2.2.1: AbaPhathi**

**Injongo:** Ukukhokela ulawulo loMphathi oMkhulu kwimiCimbi yezeNdalo.

#### **Injongo ekunikezelweni kwenkonzo nezalathisi**

Olu UDweliso Nkqubo lungaphantsi lujongisise ekukhombiseni nasekunikeni inkxaso kubaphathi kuzo zonke izidweliso nkqubo ekwiNkqubo yemiCimbi yokusiNgqongileyo ukuze kufumaneke utshintsho ekunikezelweni kwenkonzo ngaphakathi kuMphathi oMkhulu. Udweliso nkqubo ikwabonisa inkxaso kwiBhodi yoLondolozo lweNdalo eNtshona Koloni.





### Impumelelo Zokunikezelwa kwenkonzo

Injongo enokumetwa	Iziphumo	Ukumeta izenzo zeziphumo/ izalathi si zokunikwa kwenkonzo	Okwenziweyo kuthelakiswa nokucetyiweyo	
			Okucetyiweyo	Okwenziweyo
Ukunika ingcebiso nendlela zobuchule nokuvelela malunga noLawulo loku siNgqongileyo, ungcoliseko nokuLawulwa kweNkunkuma nezinye iNtlobo zendalo.	INkqubo, imigaqo, izicwangciso zobuchule, kunye nokunikezelwa kwenkonzo kuluntu nokuzaliseka kwesicwangciso soMphathi oMkhulu.	Onke amacebo, inkqubo, nemigaqo, eyenziweyo njenga-kumaxesha ekuvunyelwene ngawo.  Ukulungiswa ukunikezwa kwenkonzo zoluntu ngama candelo.	100% inamathele kwintsuku ezibekiweyo zokwenza nokuphunyezwa kwemithetho, izicwangciso nemigaqo.  Ukuncitshiswa kolibaziseko lwezicelo zophuhliso kubaPhathi boLawuko lweNdalo. Ukuzalisekiswa kwazo zonke iprojekti ngabaPhathi bolawulo loNgcoliseko neNkunkuma. Iprojekti yenkqubela kuphuhliso lweDriftsands kwinkqubo yokugada yeWCNCB lisekela Mphathi wentlobo zendalo.	Isicwangciso soMlawuli oMkhulu senziwe kanye kwinyanga ka July ngonyaka ka 2003. Zonke izicwangciso, imithetho kunye nemihlahla ndlela yolawulo lobume bendawo, zihambe njengezivumelwano ngentsuku ezibekiweyo.  Malunga ne 80% amatyala angaphezu kweminyaka emibini afunyenwe kubaPhathi bolawulo lwezeNdalo, inkxaso mali yokumiswa kwesixekwana so wolwaluko eDriftsands ifunyenwe, uhlobo lokugada lweWCNCB luphunyeziwe.
	Izivumelwano zokusebenza.	Izivumelwano zokusebenza ekungenwe kuzo kunye nomsebenzi owenziweyo ziphononongwe qho ngekota yonyaka.	Izivumelwano zokusebenza nabaLawuli namaSekela abalawuli zigqityiwe kunye nokuphononongwa okwenziwa qho ngekota yonyaka kwenziwe njengoko bekucetyiwe.	Zonke izivumelwano zokusebenza zityitywe kwangexesha. Ukuphononongwa komsebenzi kwenziwe qho ngekota yonyaka.
	iMemorandum yesivumelwano (MOUs) kunye nengxelo ezichaza indlela yenkxaso nentsebenziswano apho kufanelekileyo.	IMemoranda yezivumelwano iye yatyikitywa neSebe lezoLimo kunye neSebe lemiCimbi yaManzi namaHlathi (DWAF).	Ukuzibophela kwimisebenzi ebekiweyo kule Memorandum yokuqonda kunye namaphepha abonisa isivumelwano sokusebenzisana.	Zombini iMemoranda zemvumelwano nokubhaliweyo zamkelwe liSebe kodwa isalinde inyathelo kwicala lezoLimo kunye neSebe laManzi namaHlathi.



### UDEWLISO NKQUBO 2.2.2: Ulawulo lobume bendawo

**Injongo:** Ukulungelelanisa nokungqinelanisa imithetho, izicwangciso, udweliso lwenkqubo kunye nezigqibo ezenza inkqubo ezingachaphazela ubume bendawo, okanye banikwe amagunya ngentembeko nomsebenzi ojonge empumelelweni, ukunuswa kwezinga nokhuseleko olungahexiyo kokusingqongileyo; ukuphuhlisa nokuphumeza imilanganiselo ebonisa ulawulo lwendawo olumanyeneyo ukhuselo lobume bendawo olungagungqiyo.

Kukunika amagunya/mvume/amaphephepha-mvume/izigqibo ngokunxulumene nMithetho woLawulo lweNdalo (ECA) kunye noMithetho kaZwelonke woLawulo lweNdalo (NEMA) nobhengezo lomthetho emva koko. Kusetyenziswe imithetho nemigaqo. Kuphunyezwe okumayela neMithetho ka 1998 ( uMithetho 107 ka 1998) yoLawulo lweNdalo kuZwelonke. Ukugada siqinisekise ukulandelwa koMithetho kaZwelonke wokuPhathwa kweNdalo, kwa noMithetho woLondolozo lweNdalo ku qinisekise unyanzeliso lokulandelwa komthetho. Kuqinisekise ukuba indalo isiwe iso xa kunikwa ingxelo zezimbiwa, izicelo zokuphuhlisa umhlaba kunye izicwangciso zobugcisa zifakwe kumalungu karhulumente ukuze ziphunyezwe.

#### **Injongo nezalathiso zokunikezelwa kwenkonzo eluntwini**

Eyona njongo yelilungu ibikukuphucula ukunikezwa kwenkonzo eluntwini mayelana nokukhupha umthetho omisiweyo mayelana noMithetho woLondolozo lweNdalo (ECA) kwa noMithetho kaZwelonke wokuLawulwa kweNdalo (NEMA)

kunye nokwenza ingqiniseko ngothotyelwano kwanohlobo lwenkxaso. Ukuze lenkqubo ikhawuleze kuphuculwe nokunikezwa kwenkonzo, iNkqubo yoPhonononga lweNdalo (EIA) enoLuhlu oluPhonononga imigaqoNkqubo, eyenziwe kwingxelo engaphambili, yaphunyezwa. Ukusebenza kwayo kwakuphucula ngokumangalisayo ukuqinisekiswa kwenkqubo xa kuhlolwa naxa kuphunyezwa izicelo zendalo. Oyena mceli mngeni ibezizinto ezayamane nalenkqubo yokuhlengahlengiswa kwesebe. Ukwengeza, izinto eziphazamise imeko zibenegalelo kuhanjiso lwenkonzo liSebe.

Lenkqubo, ejolise kakhulu ekuphuhliseni bonke omaspala kwiPhondo ukuze baqonde indawo ekufuneka beyidlalile nekulindeleke ukuba bakwenze ngokomthetho omisiweyo wezendalo, ibe yayimpumelelo.





Eli linge liye lagqitywa lafakwa kwiCebo lokuzalisekiswa kweNdale kwiPhondo. Ingxelo yenkqubekela phambili eyenziwa minyaka le kuZwelonke weSebe lemiCimbi yeNdalo nezoKhenketho yaqaliswa neCebo LoRhulumente weNtshona Koloni wezeNdalo (SOE) Iprojeki esebenzise utyalo lwenkxaso mali eyifumene kwi arhente zasemzini ngenxa yeSebe likaZwelonke lemiCimbi yeNdalo nezoKhenketho. Iprojeki yoBume bendawo (SOE) yaqiqwa kwaye izakuphuhliswa isebenze njengephuhlisa uKhuliso lweSebe noBuchule boPhuhliso noPhuhliso leNdawo ezithile zePhondo.

Elilungu lihloliwe kwaye kwanikwa inkcazo kubo bonke omasipala aba yi30 abafakiweyo kula macebo ophuhliso.

Ngaphezu kokuphazamiseka okukhulu okwenziwe yilenkqubo yokuhlengahlengiswa kwamasebe, isithintelo esibalulekileyo sokunikezwa kwenkonzo ngohlobo olukhawulezayo malunga nokunikezwa kwamagunya endalo ngokoMthetho woLondolozo lweNdalo ka1989 (uMthetho 73 ka 1989) kwa nemithetho yokuHlolwa okunokuChaphazela iNdalo (ETA), kubekho ukulahlekelwa ngabasenzi abafunde bagqibelela kunye nabaqesha abanamava namagosa angonobhala.

Inkqubela enkulu yenziwe ngokuncedisana ekuphumezeni iMithetho yeziThuthi ezingekho (ORV)Ndleleni ethe yasebenza kuzwelonke nakumaphondo kwinyanga kaJanuari kunyaka ka2002. Indlela yokuhlawula ukubhalisa indawo zokuqalisa amaphenyane ziye zagqitywa. Eli nyathelo lidlale indima ekhokhelayo ekwaziseni nasekukhokeleni Isebe likaZwelonke kwisiphakamiso salemigaqo. Le indima ikhokhelayo yathathwa ukuqinisekisa ukuba izinto ezenziwayo nezithintelo ezibekwe yilemithetho ziyaqwalaselwa kwizilungiso

eziphakanyisiweyo. Izilungiso ezifanelekileyo zizakudlala indima ebalulekileyo ekuzalisekiseni le mithetho. Uluhlu lwezinto ezifuna ukukhangelwa kwiphephe lezicelo ezenziweyo kudweliso lwenkqubo ithathwe njengesikhokhelo esizakusetyenziswa kuzwe lonke. Intlanganisano ezininzi zosozimali akhweze unxweme abakumaphondo kazwelonke ukuze kulungiselelwanise nokumiselwa ukuthotyelwa komthetho.

Ngaphandle kokuphumeza inkqubo zezendalo, eli lungu liqononondisile ukuba uphuhliso olungagungqiyo lwenziwe lulawulo olubumbeneyo kuchaphazeleko lwendalo nokunyanzeliswa komthetho. Uthe uphela unyaka yabe elilungu selifumene izicelo ezitsha ezingamakhulu asibhozo aneshumi elinesithoba okuHlolwa ukuChaphazeleka kweNdalo (819). Kwezi zicelo ezingamakhulu asibhozo aneshumi elinesithoba, ezo zifunyenwe kwixesha elidlulileyo lengxelo, ezingamakhulu asixhenxe anamashumi amane anesithandathu (746) izigqibo ezibhaliweyo zanikezelwa. Ekupheleni kwexesha lengxelo izicelo ezingamakhulu amane anamashumi asithandathu anesithandathu (466) bekungeka gqitywa ngazo kuba eli candelo belilinde ingcaciso esuka kubafaki zicelo phambi kokuba isigqibo sithathwe. Eli Candelo kusafuneke liphendule kwizicelo ezingamakhulu amabini aneshumi elinesthoba (219). Abafaki zicelo abalishumi (10) bazirhoxisile izicelo zabo. Kwa ngelixesha linye, izicelo ezilibazisekileyo ukuphedulwa yi 440 zaye zajongwa ngolu hlobo lulandelayo: i (310) yabasemthethweni; azikho izicelo ezakhululwa; izicelo eziyi (5) ziye azavunyelwa ukuba zibesemthethweni; esinye(1) akhange sivunyelwe ukukhululwa kunye nezi (124) likhulu elinye elinashumi amabini anesine ziya rhexiswa.

Elicandelo linyanzeliswa ngumthetho ukuba lihlomle kwizicelo ezahlukileyo ezifakiweyo mayelana noMmiselo woSetyenziso loMhlaba (LUPO), kunye



## ISEBE LEMICIMBI YENDALO ESINGQONGILEYO COCWANGCISO LOPHUHLISO

nengxelo zeNkqubo yoLawulo lweNdalo, (EMPR's), efakwe kuMthetho weZimbiwa. Kwizicelo ziyi 114 zenkcazelo yesebe yezicelo ezifakiweyo zeLUPO, nazo zonke izicelo zonyaka ophelileyo, eli sebe lihlomle kwi 122. Kwi EMPR eziyi 36 ezifakwe kwiSebe ngokwe ofisi yommandla weSebe leZimbiwa naMandla, olu Dweliso Nkqubo luhlomle kwi 32 ngexesha lonyaka wengxelo.

Zizonke indleko zomthetho ezenziwe leli candela ngeli xesha liphakathi, ingcebiso, ukuvela enkundleni, ukubhalwa amaphepha omthetho nawezimvo yenze isixa mali esingange R295 449. Akukho mabango matsha okubuyekeza athathwe ngakweli Sebe. Kodwa kukunjalo imali engange R100 000 ibhatelwe njengevala ityala leFish Hoek Zone C kwiSebe likaZwelonke lemiCimbi yeNdalo nezoKhenketho njengaxalanye yemali evala ityala.

Eli candelo liqhubekekile ukufaka amagalelo abalulekileyo kwinkqubo yokulungiswa koMthetho wezeNdalo kuZwelonke. Umlawuli uhlolile wenza izindululo ezibhaliweyo kwisSebe likaZwelonke lemiCimbi yeNdalo (DEAT), ukusebenzisana kwamaSebe ahlukileyo kulenkqubo yokucebisa ekulungisweni koMthetho wokuLawulwa kweNdalo (NEMA) kwa noMthetho oHlanganisiweyo ozakubhengezwa ngokoMthetho woLawulo lweNdalo ka 1998 kaZwelonke, (uMthetho 107 ka 1998), ezakufakwa endaweni kumthetho osetyenziswayo wokuHlolwa kokuChatshazelwa kweNdalo ephunyezwe ngaboNgameleyo.

Eli candelo liqalise ngenkqubo yokulungisa umthetho wemaphondo owenzelwe ukudibanisa izicelo zendalo, izicelo zelifa, izicelo zamalungelo okusebenzisa umhlaba zafakwa kumthetho wobume wePhondo. Izindululo zokulungiswa komthetho wePhondo zizakufakwa xa ziya phakathi kunyaka ka2005 kwisigqeba

sombuso, kumthetho siseko wokwamkelwa. Umlungiselanansi wolungiso lomthetho wamaphondo uzakonyulwa kungekudala namalingiselelo asendleleni okonyula abacebisi bazakwenza ubhalo lwemithetho emitsha kwiphondo. Iqela loGuqulo lomthetho seelenziwe, lento idibanisa amagosa ezicwangciso, ubume beNdawo, aMafa neZolimo, kwaye intlanganiso eziliqelana bezikhe zenziwa.

